




Ndinebhongo ngam

Abahlobo


Xa bendisiya esikolweni namhlanje
UTitshalakazi uSilva uthe, "NguMay lo!"
Le ntombazana ayiboni,
Ndiyamjonga, ugqitha apha kum!

Ndibalisela umama ekupheleni kosuku.
Uthi, "Mmemele apha ekhaya, azokudlala!"

Ngekhefu, inkwenkwe idlala ngokuzolileyo
Ichopha yodwa phantsi komthi
Iyandibona, xa ndisondela
Ndithi "Molo," ayiva.

Ndibalisela utata. Uthi, "Kulungile
Uzuzame ukuphakamisa isandla,
umbulise uncumile kwixa elizayo!"






Evenkileni, ndiyema ndijonge
Olu sana luyandoyikisa kakhulu!

Ndicinga ukuba olu sana lukhangeleka ngendlela
engaqhelekanga kakhulu,
Kodwa umakhulu uthi, "Sisipho esivela kuThixo."

Ndibamba isandla sikamakhulu,
njengokuba sihamba sigoduka:
Undicacisela ngeDown's Syndrome.





Umhlobo wam omkhulu uJason uhlala esitulweni
Ngamanye amaxesha abantu bayema baqwalasele.

Imilenze yakhe ayisebenzi, akakwazi ukuhamba,
Akakwazi ukubona xa abantu behlekisa ngaye!

UJason, uthi akakhathali,
Uyasithanda isitulo sakhe sokuhamba nesibaleka kakhulu!

Sonke sohlukile ngandlela ithile
Kodwa sisenokuba ngabahlobo, sidlale
Akukhathalisekile nokuba senziwe njani na
Sonke singabeProudly Me Parade
Ngoko ke, akukhathalisekile nokuba ukhangeleka njani na
Yiza utyikitye kwiNcwadi yethu yoBuhlobo.